# Ipolisi yoBumfihlo

I-Oxford University Press ("OUP") izimisele ekukhuseleni inkcukacha zomntu kwaye ihlonipha imithetho yokukhusela idatha kwihlabathi jikelele. Le polisi yobumfihlo ichaza indlela esenza ngayo lento, kwaye ibhekisa ekusebenziseni kwakho ii-website ze-OUP, iimveliso, kunye neenkonzo.

## Indlela esisebenzisa ngayo iinkcukacha zomntu

Sisebenzisa iinkcukacha zomntu ukuze siphucule kwaye sinikezele ngeemveliso kunye neenkonzo ze-OUP, ukuqinisekisa ukhuseleko lwee-website zethu, kwaye siqhube ishishini lethu. Sidandalaziwe kweli **phepha** ulwazi olungakumbi ngeendidi zenkcukacha yomntu esiziqokelelayo, iindlela ezithile esithi sisebenzise ngazo iinkcukacha zomntu, iziseko zomthetho ezisivumela ukuba senze oko, kunye neentlobo zamaqabane esithi sabelane nawo ngenkcukacha zakho zobuqu.

Kwezinye iimeko apho sicela iinkcukacha zakho, senza oko ukuze sifezekise isicelo sakho okanye i-odolo (umz. sidinga idilesi yakho ukuze sikuthumele ipasile yakho). Ukuba awusiniki iinkcukacha zakho asizukwazi ukwenza isicelo sakho okanye u-odolo.

## Ukunikezela kunye nokurhoxisa imvume yakho, kunye nokuhlaziya iinkcukacha zakho zobuqu

Apho imvume yakho idingekayo ukuze sisebenzise iinkcukacha zakho zobuqu, sizakucela imvume yakho kwinqanaba apho usinika idata yakho. Unelungelo lokurhoxisa loo mvume nangaliphi na ixesha. Unakho nokuhlaziya iinkcukacha zakho zobuqu nangaliphi na ixesha. Ukuba unqwenela ukwenza enye yazo, qhagamshelana nathi ku- privacy@oup.com.

Asizithengisi iinkcukacha zakho kumaqela angaphandle.

## Ukugcina iinkcukacha zakho zobuqu

Iinkcukacha zakho zobuqu zisenokugcinwa kwaye zilungiselelwe ngaphandle kwelizwe apho ziqokelelwe khona, kuquka ngaphandle kweNdawo Yorhwebo yaseYurophu. Xa sithumela ulwazi kwabanye, ngaphakathi kwe-EEA okanye kungenjalo, siqinisekisa ukuba izikhuseli ezimeleyo nezifanelekileyo kunye namanyathelo obuxhakaxhaka abekiwe ukukhusela idatha yakho. Ukwenza oku, sisebenzisa amagatya ezivumelwano zomgangatho oqhelekileyo asele egunyazisiwe yiKomishoni yaseYurophu, okanye sisebenzisa isatifiketi esimeleyo Sokhuselo lobuMfihlo okanye Imithetho yeeNkampani eBophelelayo emiselwe ngabaxhasi bethu, okanye sinyanzelisa amanye amanyathelo afanayo adingekayo ngokwemithetho yehlabathi jikelele. Ikopi yosetyenziso olufanelekileyo inganikezelwa ukuze uyiqwalasele ngokwesicelo ngokuthi uthumele i-imeyile kwiGosa lethu lobuMfihlo beDatha ku- privacy@oup.com.

Sizakugcina kuphela amaxwebhu eenkcukacha zakho kangangoko kufanelekile ngeenjongo esithe saziqokelelela ngazo, kwaye ukuze sithobele nayiphi na imithetho okanye uxanduva lezolawulo mayelana nokugcinwa kwamaxwebhu. Sihlonipha izicelo zokuyeka ukulungiselela idatha yakho yobuqu ngeenjongo zokumaketha. Oku kuquka ukugcina ixwebhu lesicelo sakho unaphakade ukuze sihloniphe isicelo sakho kwixa elizayo.

## IiCookie

Sisebenzisa iicookie kwii-website zethu kunye nobuchwepheshe obufanayo kwii-app kunye nezinye iisoftwe. Nceda bona eyethu Ipolisi yeeCookie ngeenkcukacha zokuba oku kungakuchaphazela njani.

## Amalungelo akho

Unelungelo lokucela ufikelelo kunye nokulungiswa okanye ukucinywa kweenkcukacha zomntu, ilungelo lokunyina ukulungiselelwa kweenkcukacha zakho, kunye nelungelo lokuchasa ukulungiselelwa lweenkcukacha zakho. Unelungelo lokuchasa ukulungiselelwa kweenkcukacha zakho ezilungiselelwa ngokusekelwe kumdla wenene we-OUP. Unelungelo lokuchasana nathi ekukuthumeleni iintengiso eziza ngqo nokukuhlola ngeenjongo ezimayelana neentengiso eziza ngqo. Ungaqhagamshelana nathi nge-imeyile ku privacy@oup.com ngokuphathelele nalo naliphi na ilungelo elichazwe kulo mhlathi, okanye ukuba unayo nayiphi na imibuzo malunga nale polisi yobumfihlo.  Unelungelo lokufaka isikhalazo malunga nokulungiselela kwethu iinkcukacha zakho zobuqu kusomagunya ojongene nokhuseleko lwedatha kwilizwe apho uhlala khona, usebenza khona, okanye apho ukholelwa ukuba ulwaphulo lwenzeke khona.

## Ukuqhagamshelana nathi

Umlawuli wedatha wee-website zethu, weemveliso kunye neenkonzo yiTshansela, ii-Masters kunye naBafundi beYunivesithi yase-Oxford, berhweba njenge-Oxford University Press, yaseGreat Clarendon Street, Oxford OX2 6DP, United Kingdom, ngaphandle kwaxa kubonişwe ngenye indlela kwi-website, kwimveliso, kwiinkonzo okanye ifomu apho unikezele khona ngeenkcukacha zakho kuthi.  Umzekelo, ukuba unikezele ngeenkcukacha zakho ngokusebenzisa i-website www.oupe.es, umlawuli wedatha yi-Oxford University Press España S.A. Ukuba awuqinisekanga ukuba ngubani umlawuli wedatha yakho, okanye unemibuzo ehambelana nale polisi, iGosa lobuMfihlo beDatha le-OUP (iGosa loKhuselo lweDatha) lingafunyanwa kwidilesi enye okanye nge-imeyile ku- privacy@oup.com.

## Loluphi ulwazi oluqokelelwa yi-OUP?

Siqokelela kwaye silungiselele iinkcukacha ezimalunga nawe xa uthenga iimpahla okanye iinkonzo ezisuka kuthi kwaye uxhumana nathi nee-website zethu. Olu lwazi luquka:

- Igama lakho, igama olisebenzisayo, kunye nepasiwedi.
- Indawo ohlala kuyo okanye idilesi yoshishino, idilesi ye-imeyile, kunye nenombolo yefowuni.
- Intlawulo yakho kunye neenkcukacha zokuthunyelwa, kuquka needilesi zentlawulo kunye noyothunyelo kunye neenkcukacha zekhredithi khadi, apho uthenga khona kuthi.
- Iindlela ozikhethayo zokufumana iintengiso, kuquka naziphi na iimvume osinike zona.
- Ulwazi oluhambelana nebhrawuza yakho okanye isixhobo osisebenzisayo ukufikelela kwii-website.
- Amaxwebhu akho okusebenzisa iinkonzo ze-OUP.

## Ilusebenzisa njani ulwazi lwakho i-OUP?

Sisebenzisa ulwazi lwakho ngale ndlela ilandelayo:

- Ukufezekisa isivumelwano sethu nawe okanye ukuthatha amanyathelo ngokwesicelo sakho ngaphambi kwale:
    - Ukufezekisa ii-odolo
    - Ngokunikezela ngolwazi kunye nenkxaso yobuxhakaxhaka ukuba uyakucela oku
    - Ukuqhagamshelana nawe ngolwazi olumalunga notshintsho kwiinkonzo
    - Ukuphatha ulwazi lwekhredithi khadi ekunikezelwe ngalo kwii-website zethu usebenzisa iinkonzo zentlawulo ezihambelana ne-PCI
    - Ukulawulwa kokhuphiswano
    - Ukugcinwa nokuhlalutywa kolwazi lwakho ukuze kuqwalaselwe kwaye kuqhutyekwe nesicelo sakho somsebenzi

- Njengoko kudingwa ngu-OUP ukuze aqhube ishishini lethu kwaye alandele umdla wethu wokwenene, ingakumbi:
    - Ukukunika ufikelelo kwiimveliso okanye kwiinkonzo ezi-odolwe liziko lakho
    - Ukunikezela kuwe ngeziqulatho ezohlukeneyo kwimveliso okanye kwiinkonzo, ngokuxhomekeke kwindlela osebenzisa ngayo imveliso okanye iinkonzo
    - Ukwazisa malunga neemveliso kunye neenkonzo ze-OUP ngeposi, nge-imeyile, kunye nefowuni ngokuhambelana nokukhethayo kwintengiso kunye nomthetho ohambelana nentengiso eza ngqo
    - Ukunikezela ngeentengiso ezijolisiweyo zezinye iimveliso kunye neenkonzo ze-OUP esicinga ukuba usenokuba nomdla kuzo, ngokusekelwe ekusebenziseni kwakho ii-website, iimveliso kunye neenkonzo ze-OUP
    - Ukuhlalutya indlela osebenzisa ngayo iimveliso neenkonzo ze-OUP ukuze siphucule amanqanaba eenkonzo kwaye siphuhlise iimveliso neenkonzo zexa elizayo, kuquka ngokusebenzisa uphando
    - Ukuqinisekisa ukhuseleko lwee-website ze-OUP kunye neenkqubo zobuchwepheshe bolwazi nokukhusela amalungelo e-OUP

- Apho usinika khona imvume yakho:
    - Ukuba sidinga imvume yakho ukuze sithumele intengiso yeemveliso kunye neenkonzo ze-OUP kuwe
    - Ukubeka iicookie kunye nokusebenzisa ubuchwepheshe obufanayo kwizixhobo zakho njengoko kuchaziwe kweyethu Ipolisi yeeCookie.

- Ngokweenjongo ezidingekayo ngokwasemthethweni:
    - Ukwabelana ngeenkcukacha zakho ukuze sithobele izibophelelo zomthetho ezo i-OUP izinikezele kuzo.

## Izakwabelana njani ngeenkcukacha zakho i-OUP?

Sabelelana ngeenkcukacha zakho zobuqu

- Ngaphakathi kwi-OUP nakwiinkampani zeqela ezibandakanyekayo ekulungiseleleni oko kuchazwe ngasentla

- Nabanikezeli beenkonzo bangaphandle abalungiselela iinkcukacha zakho zobuqu egameni le-OUP ngokwezi njongo zingentla – ezifana nezilungiselela intlawulo, okanye izindlu zokuzalisekisa
- Nabanikezeli beenkonzo bangaphandle abatyunjwe njengabancedisi babakhuthazi kukhuphiswano olungeneleyo
- Noluntu olufundileyo i-OUP epapasha iincwadana egameni lalo nolilungu lalo wena okanye iziko lakho
- Namaziko apho unokufikelela khona kwiinkonzo ze-OUP.

Sizakwabelana nangeenkcukacha zakho zobuqu:

- Ukuba sicinga oku kuyadingeka ukuze sikhusele amalungelo, ubunini, okanye ukhuseleko lwe-OUP, abasebenzi bethu, amaqabene ethu kushishino okanye abaxumi bethu. Oku kuquka ukwabelana ngolwazi ngeenjongo zokukhusela ubuqhetseba kunye nokuthoba umngcipheko wetyala.
- Noosomagunya bakarhulumente kunye/okanye namagosa okunyanzelisa umthetho xa kudingeka ngokomthetho.